Isalathiso: 20191202-2304
Inombolo yefayili: 12/2/P
Imibuzo: L Coleridge-Zils

ISetyhula: 0022/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziNtloko, kuBacebisi beZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhuluemente nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa* uMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni ongoKutshekishwa noKungqinisiswa kweeNkcukacha neSimo saBantu abaDibana naBafundi okanye naMagosa kwiSikolo sikaRhulumente kuMasango aso okanye kuMsebenzi weSikolo

ISihloko: UMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni ongoKutshekishwa noKungqinisiswa kweeNkcukacha neSimo saBantu abaDibana naBafundi okanye aMagosa kwiSikolo sikaRhulumente kuMasango aso okanye kuMsebenzi weSikolo, 2020

1. UMphathiswa wePhondo ophathiswe ezemfundo eNtshona Koloni uwuvumile *uMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni ongoKutshekishwa noKungqinisiswa kweeNkcukacha neSimo saBantu abaDibana naBafundi okanye naMagosa kwiSikolo sikaRhulumente kuMasango aso okanye kuMsebenzi weSikolo, 2020.*

2. Injongo yalo mgaqo-nkqubo—
   (a) kukukhusela abafundi kwizikolo zikarhulumente ekubeni babe ngamaxhoba abophuli-mthetho bamatyala ezesondo *(sexual offenders*) okanye abantu abangakufanele ukusebenza nabantwana njengoko kupapashiwe phantsi koMthetho i-*Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007*), okanye nawo nawuphi na umthetho okanye umgaqo-nkqubo ochaphazelekayo.
   (b) kukuthintela abantu abangagunyaziswanga ukuba bangene kumasango ezikolo zikarhulumente.

(c) kukumisela imiqathango yothintelo ukwalela abantu abangafanelekanga ukuba bafikelele kubafundi nakumagosa akwizikolo zikarhulumente okanye kumsebenzi wesikolo.

3. Lo mgaqo-nkqubo usebenza kubo bonke abantu abaqeshwe yimibutho/zinkampani abandwendwela okanye abafikelela kubafundi kunye/okanye kumagosa kwizikolo zikarhulumente ukwenzela iinjongo zeeprogram zezemfundo, iiprojekthi okanye imisebenzi eyenziwa emva kweyokufundisa.

4. Apha kuqhotyoshelwe ikopi *yoMgaqo-nkqubo weSebe leMfundo leNtshona Koloni ongoKutshekishwa noKungqinisiswa kweeNkcukacha neSimo saBantu abaDibana naBafundi okanye naMagosa kwiSikolo sikaRhulumente kuMasango aso okanye kuMsebenzi weSikolo, 2020.*

5. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-03-25